Isalathiso: 20170120-7473
12/2/10/5
Imibuzo : Jonga kwitheyibhile engezantsi

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhando: 0001/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Ukukhutshwa kweziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* zamaBakala 3, 6 no-9 zango-2016

1. Ngo-Oktobha 2016, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqhube iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yamaBakala 3, 6 no-9 kwiMathematika nakwiiMvavanyo zeNkqubo zeeLwimi.

2. Iziphumo ziya kufumaneka kwi*CEMIS* ngowe-20 Januwari 2017. Izikolo ziyakhuthazwa ukuba zifumane iziphumo zazo ngokukhawuleza ukwenzela ukuba zizibandakanye kwizicwangciso ezikhethiweyo zokuphucula izikolo zazo.

3. Iingxelo eziya ezikolweni ziya kunika iireyithi zokupasa nomndilili wamanqaku azuzwe sisikolo ngasinye, ziphinde kwakhona zibonise indlela ekuqhutywe ngayo kwiinkalo ezithile zeelwimi nakwimathematika.

4. Iziphumo zesikolo sakho zinokufumaneka kwi*CEMIS* ngokusebenzisa le nkqubo ilandelayo:

   - Khetha i-ayithem yemenyu u-"*Assessment*" ze *ukhethe u-"Systemic Test Results 2016"*.
   - Kwi-*drop-down menu*, khetha enye yezi zilandelayo:

     - Ukufumana iziphumo zeBakala 3, khetha "*Grade 3 Results 2016*".
     - Ukufumana iziphumo zeBakala 6, khetha "*Grade 6 Results 2016*".
     - Ukufumana iziphumo zeBakala 9, khetha "*Grade 9 Results 2016*".

   Iziphumo zimele ukuvela kwiskrini.

   - Ukuba iziphumo aziveli, yiya kwi-*menu bar* phezulu ukhethe u-"*Tools*". Emva koko khetha u-"*Pop-up Blocker*", uze ukhethe u-"*Turn-off Pop-up Blocker*" uklikhe.
   - Kwakugqitywa oku, khetha libe linye kula mabakala ukujonga iziphumo.

5. Malunga nayo nayiphi imibuzo ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane, kucelwa uqhagamshelane negosa elijongene nesithili sakho njengoko kucacisiweyo kule thebhile ingezantsi:

Umntu ekuqhagamshelwana naye	**Isithili semfundo**
Gqr Audrey Wyngaard, ifoni: 021 467 9272 Audrey.Wyngaard@westerncape.gov.za	*Cape Winelands*
	Metro East
	Overberg
Gqr Nomawabo Makapela, ifoni: 021 467 9297 Nomawabo.Makapelao@westerncape.gov.za	*Metro North*
	Eden & Central Karoo
Mnu Vumile Nyalashe, ifoni: 021 467 9350 Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za	*Metro Central*
	Metro South
	West Coast
	IZikolo ezizimeleyo

ISAYINWE: NGU- BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-01-18